



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

**ULANDELELWANO LWEENKQUBO
KUSUKU LOKUHLALA KWENDLU
OLUQHELEKILEYO**

UXWEBHU LWEMIBA 2

REVISION 1, 12 JULY 2016

IMithetho eSisigxina ibonelela ngokuba iMivulo ukuya kutsho ngoLwezihlanu ziintsuku zokusebenza zepalamente kwanokuba iNdlu ingahlala ngalo naluphi na usuku lokusebenza kuqwalaselo lomcimbi.

Iiyure zokuhlala kweNdlu zezi: IMivulo ukuya ngooLwezine ukususela ngo-14:15 de kuchithakalwe kuze ngoLwezihlanu ukususela ngeye-10:00 de kuchithakalwe.

USomlomo angathi, ngokunjalo, amiselele elinye ixesha lokuqala kweNdlu. Iintsasa kuqheleke ukuba zisetyenziselwe iintlanganiso zeekomiti. Iintlanganiso zegqugula zamaqela kuqheleke ukuba ziqhube ngeentsasa zoolwesine.

Kwimizuzu emihlanu phambi kokuqala kokuhlala kweNdlu, iintsimbi zikhala kuso sonke isakhiwo samasango epalamente ukubizela aMalungu kwiTsheyimba.

Umngcelele kaSomlomo, owenziwa nguSomlomo, uNobhala, iGosa eliyiNtloko lePalamente, uManejala: kwiiNkonzo zeNkxaso yeeNkqubo kunye noMncedisi weTafile, bekhokelwa liGosa eliGcina uCwangco kwiNdlu lithwele imeyisi, uqala kwi-ofisi kaSomlomo. Njengokuba iintsimbi ziyeka ukukhala, umngcelele ungena kwiTsheyimba lize iGosa eliGcina uCwangco kwiNdlu libhengeze uSomlomo.

Xa ethabatha iSihlalo, uSomlomo unqwala kwicala ngalinye leTsheyimba, elithi lenze njalo nalo.

Ngaphandle kweentsuku ezicwangciselwe imibuzo yoqhawuliso nemibuzo, kwaye ngaphandle kokugququlwa sisigqibo seNdlu, umcimbi wosuku lokuhlala ngalunye lwale Ndlu, uza kuthi, apho kusebenza khona, ulandele olu landelelwano lwemicimbi:

- a) Ithuba lemithandazo;
- b) Isaziso esiphuma kuSihlalo;
- c) Iziphakamiso;
- d) IMicimbi yoSuku kunye nezaziso zesiphakamiso kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi, eziza kuhoywa ngokulandelelana.

Imibuzo yoqhawuliso nemibuzo efuna impendulo yomlomo – ngokulandelelana – kuqalwa ngayo ngooLwezine. Qho ngoLwesine wesibini, imibuzo ebhekiswa kwiNkulumbuso kungenziwanga saziso iyahoywa emva kokugqitywa kwemibuzo efuna impendulo yomlomo.

Qaphela: Jonga kwakhona uXwebhu lwemiba oluhoyana neMibuzo yoQhawuliso neMibuzo.